*IsiXHOSA TRANSLATION*

| | |
|---|---|
| Itayitile yeprezenteyishini yakho | AI² x Auxin: ukufunda okuxhotyiswe ngeAl |
| I(ii)tayitile ne(nama)gama lom(aba)prezenti | Gqr Albert Strever<br>Dalene Joubert |
| Ibhayografi emfutshane yomprezenti | **UGqr Albert Strever** nguMhlohli oMkhulu kwiSebe lezokuLinywa kweMidiliya neNzululwazi ngeMidiliya kwiFakhalthi yezeeNzululwazi ngezoLimo kwaye nguye oququzelela imisebenzi yezobuchule nezoshishino kula fakhalthi. Nangona izifundo zakhe zazigxile kwaye naye esafundisa kwezokuLinywa kweMidiliya, umsebenzi wakhe neINNOVUS neLaunchlab kwakunye nekomiti yezobuchule yeWinetech ekuphakamiseni imibono yezoshishino emitsha nophuhliso kwezoLimo kuye kwakhokelela kulangazelelo lokugxila ekuhlanganisweni kwezoshishino nobuchule/netekhnoloji kwimfundo ephakamileyo. Oku kwathi kananjalo kwakhokelela ekubeni abhalise ngowama2022 ekunye nabafundi bokuqala ukuthathwa kwizifundo zedigri yeeMastazi kuLawulo kwezobuNjineli (MEM) kwiYunivesithi yaseStellenbosch. UGqr Strever uzibandakanya kwiiforam eziliqela kusetyenziso lweAI ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo kungoku nje kwaye kananjalo uyazihlanganisa ezi zibakala kwimisebenzi yokufundiswa kwabafundi abangezozithwalandwe kwezoshishino nezinye iimodyuli. UGqr StreveR kungoku nje ukwathatha inxaxheba kwiNkqubo yobuDlelwane yoPhuculo lokuFundisa eYunivesithi (TAU).<br><br>**UDalene Joubert** ngumcebisi kwiZiko lezokuFundisa nokuFunda kwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU). Unesidanga seDigri yeeMastazi sakwiYunivesithi yaseLeiden, isidanga sePGCE saseUnisa kwaye kungoku nje uxakeke zizifundo zakhe zobuGqirha (PhD) kwiZifundo zoGuqulo loLwimi eSU. UDalene unothando olunzulu lwezokufunda nokufundisa, kwaye oko ekuloo msebenzi isithuba esingaphezu kweminyaka elishumi – ukhe wafundisa kuzo zombini iYunivesithi yaseRhodes naseSU, kwakunye nasePaul Roos Gymnasium. Kungoku nje uphangulula unxulumano phakathi kweAl nokudisa, ukufunda novavanyo kwimfundo ephakamileyo ukulungiselela imeko yaseSU. UDalene ququzelela kwaye uyabandakanyeka ekuphuhliseni izifundo ezifutshane ezibini zokufundwa nokubhalwa kweAl ukulungiselela imfundo ephakamileyo – isifundo esifutshane saseSU kwakunye nonikezelo lweStellenboschX. |
| Ushwankathelo / intshayelelo yeprezenteyishini yakho. | Nanjengoko iAl iqhubekeka nokuzisa iinguqu kwimekobume yethu, imfundo ephakamileyo (HE) ijamelene nomngeni wokuyijonga ngokutsha injongo yayo nokuxhobisa abafundi ngezakhono ezifunekayo ukulungiselela ikamva elixhotyiswe ngeAl. Kule seshoni yesibini yeAI² x Auxin, siphengulula izinto ezinako ukwenzeka ekufakeni iAl kwimisebenzi yethu yokufunda. |

| | |
|---|---|
| | Ngenxa yeembono zezifundiswa ezifana noAoun (2017) noMcKenna (2003), sikuthathela ingqalelo ukuba zeziphi izifundo nezakhono ezibalulekileyo ezidingwa ngabafundi ukuze babe "nokumelana neerobhothi" nokuze basebenzele uluntu. Ngenkcazo kaDai, uLui noLim (2023) yeChatGPT 'njengomxhobisi' kwimekobume yemfundo ephakamileyo (HE), siphakamisa ukuba isisixhobo esinokuququzelela ukufunda kwabafundi okulawulwa kwa ngabo nesinokuphucula inkqubo yokufunda. Silandela indlela evulelekileyo kodwa ekwaqiqileyo ekufakeni iAI kwimeko yethu yokufunda, sigxininisa imfuneko yokuzibandakanya nazo ngokuhlalutyayo nokuzivavanya izixhobo ezixhotyiswe ngeAI.<br><br>UGqr Albert Strever osuka kwiSebe lezoQoqosho kwezoLimo uza kubonakalisa indlela asebenzisa ngayo iChatGPT ukulungiselela ukufunda kwiimodyuli zakhe zabafundi abangezozithwalandwe. Le webhia iza kuvalwa ngeseshoni yeQ&A, nceda uze uzilungiselele nemibuzo yakho. |
| Imathiriyeli yokufunda ecetyiswayo | 1. Dai, Y., Liu, A., & Lim, C. P. 2023. Reconceptualizing ChatGPT and generative AI as a student-driven innovation in higher education. *Science Direct: 33rd CIRP Design Conference.* https://doi.org/10.13140/RG.2.2.33039.05283<br>    a. Ilinki eya kweli nqaku: https://www.researchgate.net/publication/370153473_Reconceptualizing_ChatGPT_as_a_student-driven_innovation_in_higher_education<br><br>2. Inqaku elithi *The Conversation* : "ChatGPT is the push higher education needs to rethink assessment" by McKenna, Dixon, Oppenheimer, Blackie and Illingworth. Lipapashwe ngomhla we12 kweyoKwindla kowama2023.<br>    a. Fikelela kweli nqaku ngelinki efakelwe apha ngentla okanye apha: https://theconversation.com/chatgpt-is-the-push-higher-education-needs-to-rethink-assessment-200314 |
| Amagama aphambili | |
| Umhla weprezenteyishini | 23 kuCanzibe, 2023 ukususela ngentsimbi ye12:45 ukuya kweye13:45 ngokwexesha laseMzantsi AfrikaSA. |
| Indawo | MSTeams |
| Imibuzo | Simbongile Ntwasa [sim@sun.ac.za]<br>Lucy Lucks [llucks@sun.ac.za] |